

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, NOVEMBER 1, 1888.

[No. 206

IVOTI KUMAHLULO E QONCE

Usuku lokugqiba Inkani ngevoti kulomandla lolwesi-Hlanu lweveki ezayo,

9 November

Umntu ngamnye ogama li-bhaliweyo kwincwadi yabavoti uyacelwa ukuba aze abeko kwi ndawo ezimiselweyo zokuvota, ukuvota o

SOLOMON no WARREN.

Abangabeqela e Palamente e Kapa elibuzela izizwe ezintsundu.

Ivoti kumahlulo we Dike ne Ngqushwa.

UMR. H. T. Tamplin oyakumela imfanelo zabamnyama kwi nkundla yombuso e Kapa, ucela iyoti zabo bonke abantsundu kulemima-ndla mhla kuvotwayo.

Umhlaba Otengisayo.

UMHLABA ongu Lot I., omi e Debe, ubukulu bawo zi acres ezi ngama 21 ne poles ezingama 28. Imida yawo : ngase mpumalanga-ngentla, nangezantsi, umi ngendlela yengqelo ; ngase mpumalanga-ngezantsi, umi ngo Lot H.; ngase ntshonalanga-ngentla, umi ngo Lot K., umhlaba olinywayo, Owufunayo angabhekisa ku

GEORGE WHITAKER,  
Kingwilliamstown.

## John J. Irvine & Co.,

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s  
IBHATYI „ „—5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d  
I-Bhulukwe „ „—4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s  
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d  
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16s 9d to 18s 9d.  
Ihempe zamadoda zombenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s  
Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d  
Ihempe zamadoda ezihayinshwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s. 6d

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi  
Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi  
Ilinzi—4d, 5d, 5.5d, 6d nge yadi  
Izitofu ezibugqi—6d, 7.5d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,  
u-ALUVENI.

USUKU lonyulo lwe sitili sase Qonce lumise lwe ukuba lolwesi

Hlanu lweveki ezayo, 9th November

Nipaule izalatiso ezikwakwelo pepa la namhla, zokokuba: Umntu angavota napina kule

District, ku magosa aya ku votisa, amisiweyo.

Makungabiko ungasakuyifaka ivoti yake ngalomini ko

SOLOMON no WARREN

ukuze bapumelele ukuya kunceda ababuzeli betu e Kapa.

B. G. LENNON & CO.,  
Abatenisi bamayeza nabenzi bawo E MONTI.

BONA bawatenga pesheya awabo bamayeza. Benza amayeza ama Bhulu nemiciza yama Xosa. Bawubongoza urnzi ukuke uqwa-lasele kulawo alandelayo, abhalwe nge nteto yesi Xosa.  
Oka LENNON Umciza Wokohloko Eka LENNON  
Incindi Yamazinyo.  
Oka LENNON Umciza we Stepu (wesifo sentswana).  
Oka LENNON Umciza wamehlo.  
Oka LENNON Amafuta ezilonda.  
Ezika LENNON  
Ingqatana zomtshekisane.  
Oka LENNON Umciza woxaxazo.  
Oka LENNON Umciza wewalo.  
Oka LENNON Umciza wengazi.  
Oka LENNON Umciza wecesina.  
UMTENGISI  
E. BLANCK, Cegmani, Transkei.

Amehlo Mzi Ontsundu!

## G. Frauenstein

KWA QOBOQOBO.

UYAZICELA zonke izihlobo zake ezi ntsundu okokuba zize kuposa iliso kule nkumba yake eyivenkile. Ungumtengeli wento zonke ezibutataka nezilukuni. Zitengiswa ngamaxabiso alula, ndisenzela amaxesha.

Imfele, izikumba, umbona, ingqolowa, Ndizirolela amaxabiso apezulu.

Kwelinye Ipiko kuko nomfo otunga izi hlangu zentlobo zonke.

Kukwako ne Butcher's Shop, ne Baker's Shop.

ABATSHATILEYO.

DLAMBULO—SIDLIKI.—E Cala, ngo 2 October, 1888, kutshatise ngu Rev. S. P. Sihlali u JONAS G. DLAMBULO no EMILY SIDLIKI base Cala. 11 t 1

Ivoti Ekomani

VOTANI U

## ROGERS

Imfanelo, ubulungisa kotsundu, ukupeliswa kotywala bomlungu, iziqiniseko ezi ngasaku tinjelwa amatyala emhlabeni. Oyakuba kwi qela lababuzela abantsundu e Kapa.

IVOTI

## E DODOLORO

BATEMBU balunge e Doloro, VOTANI nonke nina bane voti u

## ORPEN

Weqela elinibuzelayo Embusweni.

## DYER no DYER

### NGEZIVEKI ZIMBINI BANEMPAHLA ENINZI.

Iprinti zentlobo ngentlobo, yi 3d. ngeyadi.

Iwinzi ezigwangqa, yi 4d. ngeyadi.

Iminqwazi yamakwenkwe, enetyeps, 6d. umnye.

Iminqwazi yamadoda, 2s. umnye.

Ibike ili 10s. 6d.

## Yezihlangu Zamadoda, Zabafazi, Nezabantwana,

Zitengiswa ngamanan iapantsi.

KWA

## DYER & DYER

Kingwilliamstown.

## WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA.

Ngakwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika

Awona manani apezulu ngo Boya nezonto.

## Iveki.

UMZI mauqwalasele kakulu ezazisweni ze voti kulomandla wase Qonce, e Komani, e Dodoloro, nesase Ngqushwa ne Dike.

MHLA nge-Cawa eduleyo e Mgqakwebe ka Mdingi, ute akugqiba ukushumayela a Mr. P. Ntsabiso Sodlulashé makasale amadoda. Ungenise ingxoxo ye voti, wawabuzwa kunene amadoda ukuba kutenina ukuba amlahle u Tshambuluka no Dr. Egan abebetjenisise, atete ngokuvotela u Solomon no Warren. Ate amadoda wona akazanga amtembise voti u Tshambuluka, asuka abulela inteto yake kupela amenzela u Hip hip hurrah, kuba eyinkosi. Ezombuso azina Cawa kweli, luti lugqitywa ufeke kube kungenwa kuzo etyalikeni.

U COLONEL ligama le wonga lompati mikosi ye Nkosazana. Alike esi Xhoseni begakwazi nokulibiza a bantu abantsundu, into eyelele kulo ngu Nkanunu or Nkonono. Yileyo ke imbangi yokuba sithi ngu Nkanunu Tshambuluka u Colonel Schermbucker, limfanele ke ncam makangakalazi.

ISANDLA semantyi yalapa u Mr. Hugo, uye e Katikati.

PAKATI kwenteto yobuciko obukulu aye- nze kwelipezulu u Mr. Sauer ute Itola zitshitshele ngamaxesha, kufuneka zibulewe zonke.

U MR. SKEEN wase Transvaal esaka savakalisa ukuba watena umntu omnyama amfumene endlwini yake yokulala wafa kamsinya unike iminyaka emitatu entolongweni esebenza nzima.

U CAPTAIN PENFOLD umgcinu wababanjwa base Siquitini unyuselwe ewongeni lokuba yi Nkulu yo Ntaminani base Kimberley esikundleni sika Mr. Roper omiselwe ukuba ngu Mhlole we Ntlongwe ze Koloni yonke.

U JOHN MACDONALD obeke elipolisa uzibulele ngapaya kwe Rini ngakwa Kalaboyi. Ubesela kakulu.

IDWU lurazukile e Ncmera. Besive kusithiwa lowo mzi yimbumba ka Tahambuluka; kute kwakufika o Messrs. Solomon, Warren, Innes, Irvine namanye antsendu ngolwesi-Ne olugqityileyo yaquekela leyo mbumba, kuba ibingeyiyo yamanyama, ibiyimbumba ye nquba-bulongo. Iyakoyisa inyaniso pezu kobuxoki.

I HOTELE yalapa ekutiwa yi "Royal" ebise zandleni zika Mr. S. G. Gimingham iyadliwa kanjako ngenxa yamatyala.

EMJANYANE kuko umfo oxabene nomfazi wake ngenkatozo zendlu, wabonwa selezi-xhomile efle.

AMAHLOBI amabini pakati kwelizo eziginwe ngu Mr. Fillia azifundia ukudlala pakati kwabantu alwe lafa elinye.

UYAKUBULELWA ngumzi ontsundu wonke onengqondo, u Rev. Elijah Makwane, nge niteo ayibhale kwi Mvo yanamhla " Izizatu Zevoti Yam."

INTO abati ngu Jim George igwetyelwe ukuxhonywa yi Jaji e Johannesburg.

KUWE isipango esikulu e Dayimani ngolwesi-Ne olugqityileyo, sabhinqisa izindlu, sonakalisa nangezinye indlela.

KUSAND' ukubulawa imfene ezimalunga namashumi amahlanu kwipulo ebelikwi fama ka Mr. D. W. Michau kumandla wase Cradock.

SEKUKO umzi kweya Barolong (ama Bechuana) obenentlanganiso abati yi Pitsi (Imbizo) ate amadoda aya kuyo exhobhe kulontlanganiso Abarolong baxolele ukuyi-vela indawo yokuba benikelwa wabibhotwe lase Kapa befuna Inkosazana.

IXEGO u Sikutswana (Mr. James Attwell), wase Tyume ubhubhe ngomhla we Sabata engapaya.

AMANENE apambi kwabanyuli e Ngqushwa nase Dikeni ngu Dr. Pope, Mr. Johnson, no Mr. Tamplin, no Mr. Ballantyne. U Mr. Timm uroxile eshshela u Mr. Ballantyne.

UM'BHALELI owenza amanqaku nge jubhili ka Rev. R. Birt ute, xa ebcenama imvumo yalowomhla, isikolo esakupa ezinye ngemvumo sesase Zeleni kwesika Dlongwana, esipetwe ngu Miss Falati. Lom'bhaileli makabe akazi ukuba ititshala yesikula eso ngu Mr. David Dwashu, u Miss Falati ngumncedisi kodwa. Neyetu ingxelo, esinosizi ukuba ingangena-nga ngenxa yezizipitipiti zevoti, iyayivuma imvumo yentsapo ka Mr. Dwashu ngalomini.

UMAMKELI wemali zika Mr. Heys e Johannesburg ute shwaka. Zite zakutiyilwa incwadi zemali kwabonakala lingeko iwaka leponi. Umkondo wake uvakala ngase Kimberley.

U SALVATOR umqeqeshi wengonyama zika Mr. Fillis ute xa angenayo ebokisini enenye yamtsibela yatsho xipu entla kwedolo nge nzipo, yati ngamfu ukuluma ngamabamba komnye umlenze, yafumana yamyeka aku- yibhexesha ngezinye. Usagula ngaloma- nxebe.

SEKUBONWA kusisa kumfazi ongu Marie Dow wangase Gamtoos ote esaman' ukubhi- libhisha efinyeza impahlana epandle kwe- ndlu kwe, weva selesiwa, kanti ukatya yi nciniba. Imdube ngamanqina selelele panti waroboka imbambo, yazingiduna ne ntloko.

E BHAYI pambi kwe Jaji Amangesana angu John Kirwin, Patrick Quinn, no Alexander Wilson amangalelwe ngokudlengula ixegokazi le Laukazi,—u Kirwin wanikwa iminyaka emihlanu, u Quinn no Wilson iminyaka ngamibini entolongweni besebenza nzima.

AMAWETU ase Rini ndawonye nama Lawu azimisele ukuziposa ku Mr. Douglass yedwa ivoti zawo, eyesibini ivoti aya kuyilaha kuba amanye amadoda angeneyo elugqatsweni akwicala lentshaba. Kulondawo!

NGOMHLA wa 20 ku September kubekwe ilitye lesiseko se Tyalike enkulu e Epworth e Ngilani esisikumbuzo so John no Charles Wesley abayili bobu Wesile.

UMFO abati ngu Msawana ugwetyelwe ukuxhonywa e Estcourt e Natal, ngokubulala intombazana.

KUSINDISWE usana lom Indiya e Natal ngumqubi ka Loliwe. Ute xa aza kundulu, ka e Hilton Road Station uloliwe asuke um Indiyakazi alubeke ngabom endleleni yake usana.

UMFO ontsundu u Jacob Beko owadlwe- ngula umlungukazi e Lang Laagte e Transvaal unike iminyaka elishumi entolongweni esebenza nzima na 30 ekatsi.

EMANPONDWENI kunukwe u Bonga kutiwa itakatwe nguye inkosana esand' ukubhubha u Nkumanda engumkuluwa wake.

KWINKUNDLA ebimiselwe ukupendla amatyala esisipitipiti sigqityileyo sakwa Zulu, kugwetyelwe amadoda amahlanu angama Zulu ukuba axhonywe ngokubulala u Louw, abanye ngokuvukela ulaulo.

INKOSI yama dindala ase Steynsdorp idliwe ishumi leponi yakutshwa emsebenzini ngokusuke ibaqwe ngumnikazindlu ka Finestone endlwini yake ebusuku ingenawo nomnqwazi yasuka yazinxilisa

UMFO ongu John wase Johannesburg ute esika amanzi kwiquela elinzulu eposwa ngentambo i ambile yaquka intambo ya- tshona i ambile. Ubopelele enye intambo ngapezulu wehla ngayo ukuya kufuna i ambile suka zalabalaba inyawo azafika ezantsi waselezama ukunyuka, ekute kulowo mzamo yaquka intambo engakwazi nokudada, watshona.

O MESSRS. A. LEVY no H. S. WILLIAMS base Johannesburg bate xa bacanda e Com- missioner Street begoduka babizwa umngeni ngamagaxga amatandatu, zabalilela kwalapo ifisa beqengwa panti. Bavuka sebebomvu ligazi, babalekela e hotele, baye benyakaza onkabi abebababeta behamba betuka.

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, NOV. 1, 1888.

## IMAYILE EZINTLANU MHLA NGEVOTI!

## ABALESI betu bosikumbula

isiyalo sika Nkanunu TSHA- MBULUKA kumawabo ase Monti sokuba abomdubula Umxhosa okatayazo axelele yena wati akuyenza lonto aseleman' ukufunecela umhlabane wate etabata imayile ezintlanu. Lonto yokupetshwa kwake ngabantu abantsundu ibikade iliqayiyi elikulu ku Nkanunu TSHAMBU- LUKA, kodwa namhla uhamba esane- ka izandla ebulisana nabo bonke abantu abamnyama, ezixela ukuba ungumhlobo wabo—kuba banevoti. Umzi wakowetu maze uyiqonde ke namhlanje lento ivoti ukuba yinto enkulu ekungeko ingapezu kwayo embusweni wase Mlungwini. Ukususela kulowo myaka we 1882 wayeqayisa ngawo u Nkanunu TSHA- MBULUKA ukuba yena uyapetshwa ngabantu abamnyama akazange eviwe engazange abonwe pakati kwabantu abamnyama exela ubuhlobo bake. Yonke leminyaka umzi wake kuhanjwa kude nawo ngemayile ezintlanu. Ezo mayile zintlanu ke siyaziya leza kumawetu ukuba azangayeki ukuhamba ngazo ade umzalwana u TSHAMBU- LUKA abuhlambulule bucace ubuhlobo bake. Lonto ke akasokuyenza ngemini enye nangentlo zexesha elinye, makake ahlale ebulingweni iminyaka emihlanu ezayo esilwela amalungelo etu. ngomlomo nange zenzo axele lento ayenza ngalovoti ifikileyo. Imbangi yokuba ubuhlobo bake sibungqwinibe ngolunyulo ufike akangqinelana namadoda abe kade engabuhlobo babantsundu ezi- ngxoxweni ze Palamente. Ufika ngokucukenza lamadoda ebekusizi kwakungena ingxoxo emcinezelayo umntu omnyama abenezwi lokumhlanganisela, ekubeni iqela lo Nka- nunu TSHAMBU- LUKA besisuke sika- ngele ukuba azi liyakumxotisa umntu omnyama liye kumhlaha pina. Iqela eliti ukuteta kwalo " umntu omnyama lutshaba lomhlope nge- mvelo," iqela eliti ukuteta " umntu omnyama uzalwa elisela," iqela eliti ukuteta " faka intsontelo emqaleni wo nigala ungayenzeli qina," liti ukuteta yiti wakukatazwa ngu Mxhosa " tabata umpu wako nenexawa umdubule." Iqela eli-

ngeze lixhaswe kwa zivoti zetu e Palamente. Mhla kunyulwayo maze amawetu atabate

IMAYILE EZINTLANU UKUPEPA u Nkanunu TSHAMBU- LUKA. Maze kungabiko noko inye ivoti yomntu omnyama onengqondo yokukangele- la amawabo, eyakulahlekela kwelo- cala; zonke zezitabate imayile ezintlanu ukupepa u Nkanunu TSHAMBU- LUKA— zime ko Messrs. SOLOMON no WARREN.

UNYULO lumiselwe ukuba lwoba ngomhla wesi-Hlanu kwiveki ezayo, ngowe sitoba enyangeni, zininzi indawo ekuya kubhalwa kuzo, maze baziqondise kakulu abavoti kwa ezi- zinto:—

1. Kuya kuvota abamagama ase newadini bodwa.
2. Ogama lise newadini yesi Siqu- ngata angavota nokuba kupina pakati kwesi Siqu ngata. Ukuba uvote kwi ndawo ezimbini lingaselicinywa kanye mhlambi igama lake.
3. Ivoti mazinikelwe pakati kwesi- tuba sexesha le sibhozo, kusasa, nele sihlanu ukumka komhla, ngosuku olunye kupela, olwesi-Hlanu, 9 November.
4. Akufika umvoti endlwini yokwa- mkelwa amagama evoti wokangela uku- ba igosa elimiswe ngu Rulumente liyibhale ivoti yake. Eli gosa lombu- za igama lake; ekufuneka lixelwe ngokucacileyo nangokuvakalayo. Oko- kuba eligama liyangqinelana nelishi- cilelweyo, liyakubhalwa. Liyakubuzwa igosa ukuba ' uvotela banina,' aze ke ngamnye umvoti anyule abe mabimi kula mane abaliweyo. Siyabacela bonke abalesi betu aba- ngabavoti ukuba maze baye kwakusasa kwindawo ekubhalwa kuzo, ze kuti kwakubuzwa ukuba ' uvotela banina,' niti ' u SOLOMON no WARREN.'

## AMANQAKU.

U MR. HUTTON siyoyika ngati uyaku- kutshwa e Palamente kwangabantu abantsundu. Mayilunuyekelwe lonto ngumzi ontsundu ose Bhofolo nose Mpofo imbangi yokokuba sithso kukuba o Laing no Ayliff bamkeleke kakulu kuma Ngesi, kañti u Hutton akamkeleke. Uya- kuba uyaposa umzi kokwetu ukubona ukuba uvote u Laing no Hutton, mauvote u Hutton yedwa ukuze kubeko itemba lokuba apumelele. Mayilahlwe kanye eyesibini ivoti. U Mr. Ayliff ugqulula nentshaba zamalungelo ontsundu e Kapa akanakwamkelwa ngabantu ngeloto- tuba. U Mr. Laing ufungile ukuba akasakungena kwelo gqugula, ubengatatyatwayo ngoko ngamawetu, kodwa kuqinisekile ukuba uyakungena ngevoti zabamhlope zodwa, kwangokunjalo u Mr. Ayliff. Ukuba wenze icebo lengqondo umzi wakowetu uyakuvota u Hutton yedwa. Amadoda amakulu ase Nxukwe- be mawayibhinqele lonto, avisisane no Ngcongolo makungenzeki ukuba abe usepandle u Mr. Hutton. Yekani ukula- hlekiswa ngamabhubhuzela mawetu.

"UMGOILI" uvusa impi yase Herschel ukuba ize ime ngenyawo yonke ukuvota u Mr. Sauer no Mr. Ormond. Uyalaza ukuba baze bangake bavume ukunyula Ibhulu kuba lingentamsanga kwabantu. Lati liyakuxhasa imfundo, sika lancedisa ukuba incitshiswe. Ukuba baneziroro mabizibuze ngangoko betanda ku Mr. Sauer naku Mr. Ormond, kodwa bangenzi okunye bavote u Mr. Sauer no Mr. Ormond. Elicebo lihle; siliyaleza shushu kubahlobo betu abase Gqili.

UMBHALI ongu A. M. D. X. (Queenstown) ubuzwa ukuba ulelana umzi wakowabo e Bedford lento wona ungavakaliyo ngevoti. I Bedford inyula kunye ne Somerset East, ezizitili zezamafama amaBhulu nama Ngesi aselebu Bhulu, ke ivoti yontsundu ayiko kuyayi. Beku- funeka kuzanywe yako, kungeniswe ngayo amanene anjengo, Mr. R. H. Pringle ontlizyo intle ngakontsundu.

IXEGO lakwa Ndlovukazi u Mr. Dederick Jubeju licela ukuba sibhekise lombuzo kwizizwe ezintsondo:—"Kanene oko kwakuzanyelwa ukuba abantu abantsundu bangene ukuba babe ngabavoti imvisiswano yayingeyona eyokuba bayakuba ntonye mhla kuvotwayo? Loruturuu ngoku ngowanina?"

UMZI e Komani uze ungavumi uku- pitizeliswa zinto ezininzi. Imfanelo yawo kwa neyabamhlope nakuba bengakaqondi, kukuvota u Rogers no Hellier kupela. Ubuza ngetuba lamanxaxa kupela u Jubeju.

## IVOTI E HERSCHEL.

Umzi wonke ontsundu uyakuvuyiswa kukuba ukuba umhlobo wabantu omndala nownyaniso u Mr. Sauer, kuko itemba lokuba uyakupumelela. kwakunye nowabo u Mr. Everitt Ormond, e Alvan. Uyakupumelela ngapandle kwamatanda ukuba ate amawetu ase Herschel aqinisa into yokuba kungabiko namnye umntu onevoti ongasakuya kuyifaka, ku Mr. Sauer naku Mr. Ormond. Sitembe into zo Bell, nezo Matshaya no Gundwana, no Mbulic, kwane nkosi ukuba ziyipapamele into yokuba kungabiko nomntu omnye onevoti oyakuhlala ekaya ngomhla wokugqiba inkani.

## IZIZATO ZEVOTI YAM.

Kuko izihlobo ezitumele isisusa. ukuza ukuba lento kolunyulo lwase Qonce ndigalela ku Solomon no Warren ndibangwa yintonina. Kekaloku Mhleli ngemvumelo yako ndinga ndingabapendula ngelipepa lako.

1. Indawo yokuqalane i yona ipambili butywala.

Tina mzi untsundu sibe sidibene nabafundisi, nabamhlope abanosizi kukutshabalala kwetu, sisiti uhlanga luyapela ma- yishenxiswe ibrandi pakati kwetu, sisiti mayingenziwa tshipu— satsho- na. Kekaloku kute okukona izikalo zetu zirara, okukona simemeza ngamandla kwaba kokukona yena u Tshambuluka avala indlebe. Ute inqilana ezazenziwe ngu Rulumente obepambi kwake zokuba utywala bungatengiswa kuzo yena wazicita. Kuye incwadi zabafundisi bamacala ngamacala bebongoza ngokwabantu abantliziyo ziva ubuhlungu becala ukuti ezinqila ziyanceda mazandiswe; kuye incwadi ze remente ngeremente ziteta kwa eli lizwi; kuhlanganiswe abafazi ama Xhosakazi e Qonce beye kuteta elizwi kwi mantzi ukuze zilisingise kwa Rulumente (ku Tshambuluka). Ezizinto zanga zizona ziti makabuvulele utywala, ayitobe nemali obutengwa ngayo. Intliziyo yam ke ngoko iti ngo Tshambuluka, lomntu uya vuyiswa na kukutshabalala kwetu, lento sithi sakubika into esigqibayo kube kokukona ayivulelayo: okunye angaba na uti kudityenwe ngobuxoki ngabafundisi abamhlope nabantsundu kunye neremente zabo namaqaba nama Xhosakazi abomvu. Kanjalo ukumvotela kungati kum kuya kuba kukuvuma ukuba okune- ne sasixoka.

2. Indawo yesibini yi Umzi ontsundu

ubusand ukushukuma kwaya kuvakala

na Pesheya kolwandle ukuba umzi wenzakele. Sibe sika- lela ukuti yinina ukuba sipangwe ilungelo levoti esalinikwa yi Nko- sazana. Side safuna neqinga lokuya kuzibika kuyo. Kekaloku enye yamadoda abepambili ukusipanga lovoti nguye kanye u Tshambuluka lo. Amadoda oyiswa esizamela, ada afumana igama elibi ngenxa yoku- sizamela kwawo, ngabo o Warren no Solomon. Xa ke kunjalo kubo- nakala kum ukuba ukuvotela u Tshambuluka kuya kuba kukuti wakolisa abasike abetu: siyavuya; kuya kuba kukuti oko sasingati siyakala, sasibongisela, kuya kuba kukuyisola imizamo ka Solomon no Warren.

3. Ndizivile

inteto za- madoda aliqela lika Tshambuluka, ukuba neli qelana lincinane lisaseleyo. No Tshambuluka ndive ngokuqinisekileyo ukuba usasongela, koko namhla esati ukuyi teta lendawo uya kusinqamla xa singamvotelanga. Yinteto kodwa leyo, inyaniso yona yeyokuba siya kusikwa ngo Tshambuluka nokuba sivotele banina. Elam ke liti xa umntu aza kukunqamla umqala, isitshetshe makangasini- kezela nguwe; ukuba uza kuku- xoma, intambo makayi fumane ngendlela zake. Kum ke mna kumhlope ukuba xa ndimvotelayo ndiya kufana nomntu onikezela isitshetshe xa aza kusikwa; ndiya kufana nomntu ofuna intambo aza kuxonywa ngayo. Nditi ke nokuba ndiza kufa mandife ndingancedisa- nga ngezam izandla.

4. U Tshambuluka

kambe babambene nge- zandla no Dr. Egan bacela ivoti yam ukuze baye kungena e Palamente ngayo. U Dr. Egan ke yena uyangena kulomkondo wombuso akakakwazi kakuhle ukufihla into aya kuyenza. Uti ke yena uyayikalazela lepsi kade isikalisa tina. Sisiti nje tina inzima, yena ute nqa kukuba lula kwayo. Utete kanye elozwi lapuma kunyana ka Solomon wakudala emva kokubhubha kuya yise, oko usapo luka Sirayeli lwaya kukala ngokuti: " Uyihlo wako wayenza lukuni iyokwe yetu, uzuti wena kaloku wenze lula ubukonzo boyihlo obulukuni, neyokwe enzima abeyibeka pezu kwetu, —sasiya ku-

kukonza." Impendulo yonyana ka Solomon yati; " Ubawo wenza nzima iyokwe yenu, kodwa mina ndiya kongeza kuyo iyokwe yenu; ubawo wanohlwaya ngezinye, kodwa mina ndiya kunohlwaya ngonomadudwane." Injalo kanye impendulo ka Dr. Egan adibene ngayo no Tshambuluka kubantu ababuzwa ngepasi. Kuwe ke wena ubuza nge voti yam nditi, uti ndingatinya ukunika ivoti yam kubantu abatshoyo. Ndiya qokela nditi oya kundisika makangasiboleki kum isitshetshe sokundinqamla.

Ukukhlekisa 5. U Tshambuluka u- dibene nabantu aba-

Ngeziyatu ntsundu kwa Kama nase Ezintsondo. Lukalweni wateta ama-

amandi kubu, baza abantu aba- yicacisa indawo yokuba abangeni kuye, wemka esiti bamamkele. Uye e Ncmera bati bayamvuma. Ute akuhlangana nabamhlope wahlekisa ngabo ababantu bantsundu bati bangena kuye, wahlekisa ngabo ingekafiki nemini yevoti. Ndebala nje abantu abangena kuye bayinto yokuhlekisa pakati kwezihlobo ezi- mhlope zika Tshambuluka. Abantu bangapakati bayazi, ukuba uti xa umfana embi, esaliwa zintombi, aye ku Masilamse ukuba amtambise nge- yeza, ize ke intombi yakumbona enelo yeza ingamlibali umfo omhle, onomkita, ise imvuma; kanti kuya kuthi emva komshato ihlambé indo- dana ibuyele kwasebunkononkonweni bayo, ibe intombi ingasnakutini. Uti ke u Tshambuluka yena uneyeza elinjalo aqaba lona xa ayakucela ivoti yabantu abantsundu; abamvu- mayo bobona emva komtshato! Yi- nto ate akuyiteta le yezeza lokumfa- mekisa (a charm) asuka Amangesi afa yintsini, kwakubonakala ukuba kakade ubeyitela ukuba kuhlekwe. Kunjalonje nangoku use esongela ngeliti singa singake singqutywe, aba basitetelayo sebede badlula emgceni. Umntu ke otshoyo mna nditi andingeni kuye.

6. Lamadoda antsendu ahamba emtetelela u

Tshambuluka ngamadoda endibe ndidibene nawo, siteta ngokuvana kwakutsha nje. Nawo ayavuma, endike ndabonana nawo ukuba esenza okunye namhla ayakoloba. Kekaloku ke mna mntu ungatengwanga: mna mntu ebe- ngetengeki nokuba bebemlinga, mandihlale kwindawo endandikuyo. Ndakuva abanye batenjiswa imali, abanye amadlelo empahla. Keka- loku elam liti kuyinto embi ukunge- nisa abantu bakowenu endaweni ebikukalisa ngenxa yokuba uyaku- zusa ngabo. Kodwa ke anditini ngobonayo ukuba angakoloba nge- gazi labantu bakowabo. Ibiko kwa- mzuze inteto eiti indoda imba kwunye eqolo. Into embi yona ku- kuti nabantwana benkosi bangene kumsebenzi onje ukuncola, umsebe- nzi obufanele abantu abamnyama, abati kanti bamnyama nentliziyo.

7. Amadoda endiwa- qondayo mna ukuba

abanyamekele abantu abantsundu ateta ngo Solomon no Warren; ateta ngabo ngohlobo olucacileyo. Nditeta kwantsundu amadoda anje ngo Mzimba no Rubusana, o Jabavu no Ntsikana no Tyamzashe; nditeta o Lose no Don no Innes no Sauer. Umntu kwaba bapambi- li oti ungundilele, osasuke ngoko wazambatisa ngendlela esisitukutezi ngu Mr. Pamla. No Mr. Weir owayengangenwa kakuhle ngu Solomon no Warren wayaleza shushu e Pirie ukuba abantu bangangeni kona ku Tshambuluka. Ukuba ke kumadoda azwi ndilite- mbileyo mnye kwapela umntu ofunukuba bucala, abe naye enga- cacile, ibe lonto igalela pezu koku- bona kweyam intliziyo, ndifika ndomezekele ukuba ndivotele u Solomon no Warren, nditi nako- mnye obuzayo, amadoda ngala omabini.

8. Incwadi ayingefezi

zizatu anazo umntu ngomcimbi ongaka.

Ngoko mase ndigqibela ngesi. U Tshambuluka uze kumonela u Solomon no Warren enayo indawo yake. Nguye lomntu uze kuqala udushe. Ushiya indawo ati xa atetayo ancome ukulunga akwenze ekuyo; ufuna ukuba londawo yake abekuyo ingenwe ngumntu

onomoya wama-Bhulu achasa ontundu. Kokwam ukuqonda liqetsu elisemhlotsheni. Ufa kukusuka o Solomon no Warren babe kusoloko bemele amalungelo omntu ontundu; uti mabashenxe bobabini kungene yena no Egan ukuze kwindlu epezulu abekuyo u Tshambuluka kungene i Bhulu elinomoya wake. Umntu ke oze kuqala udushe ngabom andimncedisi mna.

9. U Tshambuluka Ukupanjaniwa uzama konke anako uku-komzi ontundu. wupambanisa umzi ontundu. Uze kuvusa isikalo sokuba kuko Umxhosa ne Mfengu; ubuyisela emva umzamo weminyaka emininzi ebisiwuzama sima silinga ukuba umntu ontundu abe mnye nokuba ngu Mxhosa nokuba yi Mfengu nokuba ngu Msutu. Uti akubona ukuba esi silonda siyapola afike yena enze konke anako ukuba sivuke. Ndibona ukuba ngoko lomfo yinene uyalwa, wenza elazwi liti, bahlule pakati wawuya koyisa ubacite. Apo ahamba kona ulila ngokuti makubeko ikoranti yama Xhosa, aze azahlule kubo bonke abantu abantsundu achasane nabo! Nditi namhla ukuba ebengeko amadoda anjengo Kama ezinkosini, no Ntsikana la titshala, no Tele no Job kwizinimxaka umzi ubuya kutshikilekana ukabane ngokwamahashhe ngezwi lika Tshambuluka, uze ungaze ubuye udibane.

10. Kanene niya kuti yinina ukuba ndingateti ngokukulula inkosi. Izwi lam ke liti ndiyabulela ngazo, kodwa andinakuti ukubulela kwam ndishenxise u Solomon no Warren abantu ababesiti mazikululwe kwanyakenye kwala u Tshambuluka, Mandipele ke Ndingowenu ongu, ELIJAH MAKI WANE.

IVOTI E KOMANI.

Kungene intlanganiso enkulu yabatunywa, abavela kwizipaluka ezimelwe ngabantu suntu kumandla we Queenstown ne Glen Grey, ukhulnganisa uluvo lomzi ontundu ukuba lube yimbumba yamanyama kulevoti ikoyo. Izihlabano zelo zibeko, o Xaimpi, o Sishuba, o Dondolo, o Nzabe, o Frans, abanye, abebeko bebengangapantsi kumashumi amahlanu. Intlanganiso izinyaswe ngo-buko buka Rev. B. S. Dlepu ayifumene ebeqita. Kwaye kube kucelwe no Mr. J. Tenge-Jabavu ukuba aye kukangeli sana nomzi wakowabo, uze ngalevoti umntu wenze into eyakuba nefa. Intlanganiso ibe kwigumbi elikulu le Kaya Lendwendwe, lo Messrs. R. T. Nukuna & Co., yaba yendileke kamnandi.

Siyakuti ingxelo siyigixe, ukuze ibe nokufumana indawo ingekapelelwa lixesha. Ibe ngu Rev. J. Goduka kwishilalo sokongamela intlanganiso.

U Mr. Mtombeni ongenise icebo elilunge kunene lokuba yenze ilizwi intlanganiso ngeqela e Palamente emaya- ndise lona, liko elama Bhulu ; liko elika Scanlen no Sauer; liko elika Sprigg.—Kubeko abati ingxoxo mayisewe kwinto eyayiqitwywe pakati intlanganiso yokugqibela; eyayitwe umzi mafufumbate u Folosi no Hiliya.— Amanye amadoda abuze ukuba kuyakuba kumiswa lipina igqulula e Palamente xa kuxhaswa u Folosi, ltsolisile into ka Khakhaza u Xayimpi yati " Siza kwaka wupina umzi e Palamente besikade sikalanje."

Kucelwe u Mr. J. Tenge-Jabavu ukuba abalise nge mvaba asengela kuzo. Ute amanene

ABASE PALAMENTE ngapambili, o Foros no du Plessis aziwa nguye wonke. U Foros ngu Msprigg wenyanyiso ekuqoko nokohliso kuye. Amacebo atapuluka kwi gqulula lo Sprigg no Foros, aziwa nguye wonke. U du Plessis naye uyaziwa ukuba ungowe Mbumba yama Bhulu. Mayelana namadoda amatsha u Rogers akamazi ngobuso, umazi ngenzito nento azibhale emapepeni, xa sazeke umzi ontundu usembandezelweni. Intlizyo ka Rogers yeyomntu ontundu, waye eyakuba ngowemvaba ka Scanlen no Innes. U Hiliya ngomnye wamadoda amatsha angazange abese Palamente. Umazi ixesha elikulu engowecala lo Scanlen elikusela imfanelo yontsundu e Bandla. Uyibonile emapepeni inteto yake eti ungunxhasi ka Sprigg entweni ezilungileyo, kodwa uza nemvaba yakwa Scanlen, waye umzi ungangi angachaswa u Sprigg nasentweni ezilungileyo kuba igama ingu Sprigg.—Kubeko impikiswa no ngebala lika Hiliya kuba wati Emta ungum-Sprigg kanti waqgiba ngokuti ungum-Scanlen, baye abase Lesseyton besiti wati kubo ungum-Scanlen.—Into ka Pelem neka Kota bato makumiwe kwisigqibo sentlanganiso eyanduleleyo, sokuba umzi utabate u Fords no Hiliya.

U Mr. Nukuna ute mabatabate u Mr. Rogers oluvo lungatandatyuzwayo, kuba iluluvo lontsundu kanye,—u Mr. Pelem no Kota beme ngawo omane ukumela u Foros besiti u Rogers akananxhaso ku Mangesi, akasakungena bayakuba ivoti zabo bayazilahla.—U Rev. B. S. Dlepu ute u Foros uminyaka i 15 ese Palamente zonke izinto ezinzima ezizwela ontundu embusweni zixhaswa nguye, u Foros selelinganiswe emlinganisweni wafu-nyanwa elula. Makalingwe amadoda amatsha ukuba kwenziwe into yokunceda uhlanga. Emva kwengxoxo ende eshu-shu kwahlulelweni u Rogers wamkelwa egameni lomzi ngamadoda a 46; alandele u Mr. Pelem ekuchaseni 4. Yaduma intlanganiso.

Emva kwengxoxo ebeshushu ingumzi ose Kamastone otyekele ku Foros ukuba ivoti yesibini ingene kuye. Into ka Nzabe wase Glen Grey oxhaswe ngoka Mahe wase Macibini bate omakamkelwe no Mr. Rogers makabe ngu Hiliya,—zime kwakona into zo Pelem nezoo Kota. Yande ingxoxo elide i Kamastone lavakalisa ukuba njengokuba umpunga wentlanganiso ungengaye u Foros liyayiyekela lonto, kuvunyelwene ekugqibeleni ukuba kwamkelwe u Hiliya, akwahlulelwana.

Kwenziwe amazwi okuyaleza umyano kulomanene, kukunjuzwe ukuba ivoti yabantsundu ye yokugqibela mabangayimoshi. U Mr. Jabavu walate ukuba wonke ontundu onevoti uyakuyenza inxamleko mhla kuvotwayo, ayakungena omabini amalungu abawatyumbileyo. Bona abanyuli bantu bayakuba zintshaba zabamhlope. Banyula abamhlope abaya kwenza ubulungisa kwabamnyama. Iqitywe ngombulelo ngumongameli intlanganiso, yahlukana selihambile.

Umzi wakowetu mawukumbule ukuba oko sasengenavoti sasanganeneli ukuze sahlukane entweni ezimhlope ezinjengezi zo Folosi no Tshambuluka.

IVOTI ENCEMERA.

U Mr. Solomon no Mr. Warren babe nentlanganiso nomzi wase Ncmera ngolwesi-Ne (25th October) ngenzito zevoti. Babehamba no Mr. T. W. Irvine no Mr. R. W. Rose-Innes, waye u Rev. R. Birt eko. Isihlalo sangapambili sibe no Rev. W. B. Rubusana oyongamele ngokwanelisayo intlanganiso.

U Mr. T. W. Irvine uvakalise into ekungayo; walandela u Mr. Innes ngenzito ende bukali ebonisa ukuba into yonke evela embusweni, elilise abantsundu ivele kwisigqulula lika Sir Gordon Sprigg no Tshambuluka ebandla e Kapa. Ukankanya ukuba umhlaba wabo e Ncmera akunyaniso ukuba wati ukuze ucandwe kwada kwawatiswa u Sir G. Sprigg, kuba lowomhlaba wagqityelwa ukucandwa sekupete u Mr. Merriman. Wenze inteto emhlope ukuba bangakokelwa ngumfundisi, kodwa baziqondele inyaniso, kuba umfundisi ngokuba engusomfazi ku Sir G. Sprigg, zibonakala zingeziposo nento eziziposo. Uwabekile amabala angamamkelo ngawo u Nkanunu Tshambuluka waye elilisele ngokuba bemanene ngokuba bangamlungiseleli ontsundu.

U Mr. R. Solomon, M.A., ute uze kubo ukwaneka izimvo zake ngenzito zepato yelilizwe zimvo angenankani ngazo nakwabamhlope, waye esazi ukuba azamkelile kwishininzi. Zimvo ezibange ukuba umlibo wakwa Solomon kutiwe utanda abantsundu; akaloyiki elogama engenantloni ngalo. Yena ungowecala elalingamvumi u Nongqausi nokuhlutwa kwemiphi; icala elivayicaseyo itengiso votywala ontsundu, elalimele ukuba ngila zandiswe, lisala nevoti yontsundu nyakenye. Kumcimbi wotywala yena (Mr. Solomon) akavumelani no Mr. Schermbucker, oselete wancedisa ukubupalaza nokubenza tshipu kulo lonke. Nivumelana nalupina uluvo? nantsi indawo. Ukuba uvumelana nolwaka kumfaneleke ukuba alindelwe ukuba kuvotwe yena. Kwinto ezinjengokuba abantu abantsundu babe nelungelo ukupendula pantsi kombuso, yena umele ukuba kungenziwa mahluke pakati kontsundu nomhlope. Umntu we pasi uwuchasile kanye, Akazitethi ezizinto kuba epambi kwabo, uzitetha nakwintlanganiso zabamhlope ngobuso obungenantloni. Akazitethi kuba efuna ivoti zabo selalahlakwa zivoti kakade ngenxa yezimvo zake ngenzito yabantsundu. Imali zezikolo uyakuzixhasa ngomqolo wonke, amalungu e Palamente azizicaka zabo, isicaka ke asindulwa mntu ngapandle kwesizatu; abakusiva isizatu ke ukuba banganyulwa yi Ncmera. Umngqeno wake kupela ngowokuba aye e Palamente ngezivoti zabo bazimvo zivumelana nezake.

